URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Werner Gordon**
ICandelo loLawulo lweeMviwo
Werner.Gordon@westerncape.gov.za | 021 467 2961

Inombolo yefayili.: 20/2/1
Isalathiso: 20240513-3783

INgcaciso eMfutshane yoLawulo lweeMviwo: 0004/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBacebisi ngeZifundo, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo ngeze-*ISLES*, kuBaququzeleli boVavanyo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*)

**Isihloko: Ukubuyiselwa kweezatifikethi zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) ezingabangwanga.**

1. Bonke abathathi-nxaxheba, kuqukwa iinqununu zezikolo zemfundo ephakamileyo/ezeesekondari, nabaphathi bamaZiko okuFunda asekuHlaleni (*Community Learning Centres*), kufuneka bakuthathele ingqalelo oku kulandelayo:

   a) Zonke izatifikethi ezingabangwanga kunye nekopi yelisti yezatifikethi (ilisti yeesignitsha zabafundi abazithathileyo izatifikethi zabo) mazifunyanwe yaye zibuyiselwe kwaNdlunkulu emva kwethuba leenyanga eziyi-12 ukususela ngomhla wokwamkelwa kwazo ngamaziko (*centres*); yaye

   b) Izatifikethi zemviwo zangoNovemba 2022, ezahanjiswa ngo-2023, kucelwa zibuyiselwe kwaNdlunkulu engadlulanga uLwesihlanu we-16 Agasti 2024. Le nkqubo kufuneka iphindwe ngonyaka ngamnye.

2. Izatifikethi ezingabangwanga ziya kugcinwa kwaNdlunkulu kwindawo ekhuselekileyo ithuba leminyaka emithathu, ukulungiselela ukuthathwa kwazo okunokwenzeka ngabaviwa. Ukuba azibangwanga kwithuba leminyaka emithathu, izatifikethi ziya kutshatyalaliswa.


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

3. Ukongeza koku kungentla, abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo kufuneka kananjalo bathobele imimiselo, imigaqo-nkqubo nemiyalelo ka-UMALUSI ngokuphathelele koku kulandelayo:

a) Izatifikethi ezingabangwanga kufuneka zibuyiselwe emva konyaka omnye zikhutshiwe ezikolweni.
b) Izatifikethi **kufuneka** zithathwe njengezixabiseke kakhulu neziyimfihlo,
c) Izatifikethi **kufuneka zisoloko** zigcinwe ngokunqatyisiweyo ngalo lonke ixesha yaye,
d) Abaviwa **kufuneka** baziswe xa izatifikethi zikulungele ukuthathwa yaye ukuhanjiswa kwazo kufuneka kwenziwe phantsi kwemeko ezikhuselekileyo.

4. Kucelwa ukuba izikolo zizibuyisele kwaNdlunkulu izatifikethi ezingabangwanga zibhalwe ngokucacileyo ngolu hlobo lulandelayo:

***UNCLAIMED CERTIFICATES FOR ATTENTION:***
*Mr Werner Gordon*
*Directorate: Examinations Administration*
*11th Floor, Room 11.12*
*1 North Wharf Square*
*2 Lower Loop Street*
*Foreshore*
*CAPE TOWN*
*8001*

5. ISebe leMfundo leNtshona Koloni liqaphele ukuba yipesenti esezantsi yezikolo eziwulandela mbo umhla omiselweyo wokubuyiselwa kwezatifikethi ezingabangwanga. Izatifikethi azimele kubuyiswa ngesantya esisezantsi ithuba leenyanga ezininzi emva komhla omiselweyo. Le nkqubo ichaphazela ngokungalunganga ukwenziwa kweenkonzo kwabo benzelwa iinkonzo.

6. Iinqununu ayinako ukugcina izatifikethi ezigqithelwe lixesha elimisiweyo njengoko le nkqubo iphikisana neSetyhula QCC ka-UMALUSI yomhla we-07 Matshi 2012. **(eqhotyoshelwe apha).**

7. Apha kuqhotyoshelwe iSatifikethi sokungqina ukususwa nokubuyiselwa kwezatifikethi *(clearance certificate)*, emasizaliswe sisikolo ukuqinisekisa ukuba zonke izatifikethi zeminyaka echaziweyo zisusiwe yaye zibuyiselwe kwaNdlunkulu.

8. Imibuzo emalunga nokubuyiswa kwezatifikethi ezingabangwanga inokuthunyelwa kuMnu Werner Gordon, kule dilesi ye-imeyili: Werner.Gordon@westerncape.gov.za .

9. Iya kuthakazelelwa kakhulu intsebenziswano yenu kulo mba.

**ISAYINWE:** NGU-B LORISTON
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-05-27